

Ukukhokela Kwesicaka



Sabatha Emva Kwemini

Fundela Isifundo Sale Veki:

1 Pet. 5:1–10; I-Zenzo 6:1–6; Jer. 10:21; Mat. 20:24–28; Miz. 3:34; IsiTy. 12:7–9.

Indima Yenkumbulo:

“Lonke ixhala lenu liphoseni phezu kwakhe, ngokuba yena enikhathalele” (1 Petros 5:7).

Izifundo ngamabandla akhulayo zikholisa ukusoloko zibabaza ukubaluleka kokhokelo olunegalelo elikhulu. Oku kukhokela kufumana umbono wako kuThixo neLizwi laKhe luze lunike wonke umntu ebandleni ithuba lokusebenzisa izipho zikamoya kumsebenzi wothumo lweendaba ezilungileyo. Sekunjalo, ubukhokeli bebandla bungumngeni omkhulu. Amavoluntiya, asoloko enikela ixesha lawo nangona sele exakekile, aye awasebenze amabandla. Amalungu anako “ukuvota ngeenyawo zawo” ngokuyeka ukuza xa kusenzeka into angenako ukuyixhasa. Ngapha koko, inkokheli enempumbelelo engumKristu, nayo kufuneka ibe nzulu emoyeni. Akufuneki ke silibale ukuba uPetros ubhalela amabandla atshutshiswayo. Inkokheli yebandla isengozini kakhulu ngamaxesha anjalo. Ngubani, ke ngoko, owuxhobeleyo lo msebenzi?

Ku-1 Petros 5:1–10, uPetros uthetha ngomba wobunkokheli bobuKristu kumgangatho webandla lasekuhlaleni. Kwezi ndima, ubhala ngezinye zeempawu ezibalulekileyo nezidingekayo kungekuphela nje kwiinkokheli zasekuhlaleni, kodwa nakumalungu ngokwawo. Amazwi akhe asemxholweni nakuthi namhlanje njengoku ayenjalo kubo ngelo xesha.

**Funda isifundo sale vekhi ukulungiselela iSabatha ka-Meyi 13.*

Amadoda Amakhulu Kwibandla Lokuqala

Khangela ezi ndima zilandelayo: I-Zenzo 6:1–6, 14:23, 15:6, 1 Tim. 5:17, 1 Pet. 5:2.

Zisinika iimbono ezithini ezi ndima mayela nemingeni ejonge ibandla lokuqala nendawo edlalwa ziinkokheli zalo?

Iqela elikhulu labantu eliba ngamakholwa lizimanya nebandla liyintsikelelo enkulu evela kuThixo. Kanti ke, ngokubonakala kumava ebandla lokuqala, ukukhula okukhawulezileyo kungazizisa iingxaki. Umzekelo, iZenzo 1-5 zibhala ngokukhokela kukaMoya Oyingcwele nokuguqukela kwabaninzi ebuKristwini. IZenzo 6:1–6 zibonisa iziphumo: iqela laba likhulu kakhulu kwiinkokheli zalo, kwaza kwadingeka ukuba kumiswe izimiso ngendlela ukuze kulawuleke imicimbi yebandla yemihla ngemihla.

Imiba eyazisa ubuthakathaka phambili kuqulunqo lwesimiso yaba sisikhalazo ngomkhethe. Iqela elalithetha isiGrike lakhalaza ngelithi abahlolokazi balo babengahoyekanga kulwabiwo lokutya kwemihla ngemihla. Ukuphendula apho, iqela labantu, abadikoni, lakhethwa ukuba lincede i-12 labapostile ngolawulo lwezixhobo zebandla. Yinyaniso ukuba ibandla lokuqala lalikhokelwa nguMoya Oyingcwele ngendlela ekhethekileyo. Sekunjalo, nangelo xesha, sasikho isidingo sokumisa izimiso zebandla. Iqela elithile eliyintloko leenkokheli zebandla elalifuneka kwangelo xesha yayingabadala, abaya bamiselwa kwiqela ngalinye lebandla ekuhlaleni. Kakuhle, kakuhle, ukunyula abadala ukuba bakhokele kula maqela matsha amaKristu asanda ukwenziwa kwaba yinto uPawulos noBharnabhas abayenzayo xa babe siya kwiindawo ekwakusafuneka zive ngoYesu (Zenzo 14:23).

Abadala banikwa imisebenzi eyahlukeneyo ebandleni lokuqala lobuKristu. Njengeenkokheli zamabandla asekuhlaleni, amaxesha ngamaxesha babesebenza njengabafundisi ekufundiseni abantu abatsha enguqukwani. Babeshumayela, beqinisekisa ukuba izinto ezifunekayo ziyenziwa ukuze liphatheke kakuhle ibandla (Zenzo 15:6, 1 Tim. 5:17, 1 Pet. 5:2).

Zeziphi iindlela onokuzifunda ukusebenza ngcono neenkokheli ebandleni lakho ekuhlaleni, naxa ningasoloko nivumelana ngezinye izinto?

Abadala

Funda 1 Petros 5:1–4. Ngumoya [okanye ingqondo] onjani ekufuneka iinkokheli zize nawo kwiindawo [iinxaxheba] zazo ebandleni? Le mithetho-siseko ingasebenza njani nakuwuphi na kuthi nokuba kukweyiphi indawo yethu?

UPetros uqala iimfundiso zakhe kubadala ngokubeka ukuthi yena ngokwakhe ungumdala. Ubuya aphawule izinto ezimbini ngaye: ulingqina lokuva ubunzima kukaKristu, kwaye ulindele ukuba nenxaxheba kubuqaqawuli obuza kutyhilwa. Ngokuthetha oku, uPetros ubalula uphawu lokuqala ekufuneka lufumaneke ngaphakathi komdala: umdala kufuneka akuqonde ukubaluleka kwento uKristu aweva ubunzima ngayo ngenxa yethu kwakunye nethemba elikhulu asinika lona. UPetros ufanisa indawo yomdala neyomalusi owalusa umhlambi kaThixo. Ukuthelekisa kwakhe ibandla nezimvu kuthetha ukuba, njengezimvu, amalungu ngamanye amaxesha angaphuma emxholweni ngokwawo. Kungoko, edinga umalusi ukuba awakhokele awabuyisele eqeleni nokuwanceda ukuba asebenzisane kakuhle nalo. Umdala kukwafuneka asebenze njengomzekelo othobekileyo wendlela ekufuneka enze ngayo umKristu.

Silumkiso sini esisifumanayo apha sabo bangabalusi? Yer. 10:21, Hez. 34:8–10, Zek. 11:17.

Indawo ebalulekileyo yobukhokeli bobuKristu kukusebenza nabantu ebandleni ngomonde njengoko abalusi kufuneka besebenze nezimvu zabo. Abadala kufuneka ngothando bebahlanganisele unqulo nokwabelana ngesigidimi sikaYesu kunye nabo badinga ukumazi [uYesu] kunye nosindiso olufumaneka kuYe. UPetros ukwathi abadala kufuneka basebenze ukongamela ngokukhululekileyo kungabi ngokunyanzelwa. Akusoloko kulula ukufumana abantu bekukhuthalele ukuthabatha imingeni yokukhokela ebandleni. Oku kucaca ngokukodwa ngexesha lekomiti yokunyula. Ukuze ibandla lisebenze kakuhle, ziliqela iindawo ekufuneka zibe nabantu. Zikho izizathu ezenza ukuba abantu abaninzi babemathidala ukuthabatha iindawo zobunkokheli. Ezinye zezi ndawo zifuna ukusetyenziswa kwexesha elikhulu, baye abantu abafanele iindawo ezinjalo sebe nezinye iingxaki. Abanye banokuziva ngokungathi abakulungelanga ngokwaneleyo ukuthabatha indawo. Sekunjalo, ilizwi likaPetros lithi, xa siceliwe, kufuneka sibuthabathe ubunkokheli ngentumekelelo, kangangoko, ukuba sinako.

Ubunkokheli Besicaka

Funda 1 Petros 5:3 noMateyu 20:24–28. Ithini imithetho-siseko ebalulekileyo yobunkokheli bobuKristu efunyanwa kwezi ndima?

KwisiGrike, igama elisisitshixo ku-1 Petros 5:3 ngu-katakurieuontes. Kwa eli gama likwafunyanwa kuMateyu 20:25 laye lithetha “ukusebenzisa igunya” okanye “ukugagamela” phezu komnye. Ngoko, umyalelo kubadala onikwa ku-1 Petros 5:3 ungaguqulwa ngokuthi, “Musani ukubagamela abo nibongameleyo” (NRSV), makube ubonisa amazwi kaYesu kuMateyu 20:25. UMateyu 20:20–23 unika iindawo zeentetho zikaYesu kuMateyu 20:24–28. Umama kaYakobi, xa uYesu esiza ebukumkanini baKhe, omnye unyana uya kuhlala ngasekunene aze omnye abe ngasekhohlo kuYe.

“UYesu ubanyamezele ngobubele, engakukhalimeli ukuzithandela kwabo ekufuneni ukukhethwa ngaphezu kwabanye. Uyazifunda iintliziyo zabo, uyabazi ubunzulu bokunxulumana kwabo naYe. Uthando lwabo asilulo nje uthando lwabantu; nangona lungcoliswe bubuzwe bejelo elingumntu, lukukumpompoza komthombo wolwaKhe uthando oluhlangulayo. Akayi kukhalima, kodwa uya kuzinzisa ahlambulule.”—Ellen G. White, *The Desire of Ages*, p. 548. UYesu uchaza ukuba esi sikhundla sembeke sesinikwa nguYise, ingenguye. Noko ke, uqhubeka achaze ukuba umahluko ongundoqo phakathi kobukumkani baKhe nobo bezizwe zeeNtlanga luhlobo lwenkokheli eya kuvela kubukumkani baKhe. Abo banga bangakhokela ebukumkanini apho uYesu anguKumkani, kufuneka babe zizicaka kuba iinkokheli ebukumkanini bukaYesu ziya kufana noYesu. “UNyana womntu [waye]ngezanga kulungiselelwa; weza kulungiselela, nokuncama ubomi bakhe, bube yintlawulelo yokukhulula abaninzi” (Mat. 20:28). Ngoko ke, uPetros ubizela iinkokheli zebandla kumgangatho ofanayo: Ukuzinikela nokuzilandula okubonwa kuYesu kufuneka bunonakale kubo, nabo.

Funda Filipi 2:4–8. Le nto ithethwa nguPawulos ihlangana njani nale yabhalwa nguPetros? Okubaluleke ngakumbi, singazenza njani izinto ekuthiwa masizenze kwezi ndima?

Ukuxiba Ukuthobeka

Uluntu lwalunamabakala kakhulu kwilizwe lakudala awayephila kulo uPetros. Izikhulu ezazilawula zazinento ekuthiwa namhlanje “bubukho obunegunya.” Babengqongwe ngabantu benqwawwa elizezantsi, laye elona lizezantsi kuwo onke lilelamakhoboka. Ukuzithoba kwakuyingqondo efanelekileyo kwabo benqwawwa elizezantsi kwelo labo bakweliphezulu. Igama lesiGrike lokuzithoba linentsingiselo “[yo]kuthobeka,” “ukungabaluleki,” “ubuthakathaka,” ukuba lihlwempu.” Lichaza abantu abangenasikhundla namandla ekuhlaleni. Kwihlabathi elingaphandle kobuYuda nobuKristu, igama ukuthobeka lalihlanganiswa nabo baphantsi, kuthi ukwenza ngokuzithoba kungalindeleki kubantu abakhululekileyo.

Funda 1 Petros 5:5–7. Ngokwale ndawo ibhalwe kuyo nexesha ababephila ngalo, yintoni ebaluleke kangako koko uPetros wabhala ngako?

EBhayibhileni, ukuzithoba kubonwa ngendlela eyahlukileyo kuleyo kwakubonwa ngayo ngexesha nenkcubeko awayephila kuyo uPetros. UPetros ucaphula iMizekeliso 3:34 kwiSeptuagint (iTestamente eNdala yesiGrike), indima ekwacatshulwe kuYakobi 4:6. KwiTestamene eNdala inxalenye yomsebenzi kaThixo embalini kukubeka phantsi abaphakamileyo nabanamandla (Isa. 13:11, 23:9, Yobhi 40:11). Ingqondo yomntu efaneleke kakuhle ngakuThixo kukuzithoba. “Zithobeni ngoko phantsi kwesandla esinamandla sikaThixo, ukuze aniphakamise ngexesha elifanelekileyo” (1 Pet. 5:6). Ukuzithoba endaweni yekratshi, kufuneka kube luphawu lokwalamana komKristu, kungekuphela noThixo, kodwa nomnye nomnye (1 Pet. 5:5). AmaKristu, kwaneenkoheli ezingamaKristu, ayayiqonda into yokuba angaboni abasindiswa ngobabalo lukaThixo. Ngale ngqondo ibaluleke ngokona kukhulu, sisuka sonke silingane kwaye phambi koMnqamlezo kufuneka sonke sizithobe. Oku kuzithoba kufuneka kuvele kulwalamano lwethu nabanye, ngakumbi abo sibongameleyo. Ngokuqinisekileyo, nabanina unakho ukuzithoba phambi kukaThixo, uMdali wamazulu nomhlaba. Kwakhona, kulula ngokwaneleyo ukuzithoba phambi kwabo bangasentla kwethu, abanamandla kunathi, abangase“ntla” ngesikhundla kunathi. Uvavanyo lwenene lubakho xa sibonisa ukuzithoba kwabo banga“phantsi” kwethu, abangenawo amandla phezu kwethu. Olo luhlobo lokuzithoba uPetros athetha ngako apha.

Yintoni le ingoMnqamlezo noko ukumeleyo enokusinceda ukuba sihlale sithobekile?

Njengengonyama Egqumayo

Njengoko sele sibonile, uPetros wabhala ejonge entshutshisweni. Umxholo wembambano enkulu wawungeyongcinga nje yemfundo ngoThixo kubafundi bakhe; babe kuyo ngendlela abaye abaninzi bethu abangekabi namava ayo, okwangoku.

Funda 1 Petros 5:8–10 nesiTyhilelo 12:7–9. Zisifundisa ntoni ezi ndima ngemvelo yobubi kunye nomsebenzi kaSathana kweli hlabathi?

Incwadi yesiTyhilelo iveza ukuba amaKristu adlala indawo kwidabi lelizwe lonke phakathi kwemikhosi yokulungileyo neyobubi. KwisiTyhilelo, imikhosi yokulungileyo ikhokelwa nguYesu, oliLizwi likaThixo, uKumkani wookumkani, noNkosi yeenkosi (IsiTy. 19:13, 16). Imikhosi yobubi ikhokelwa ngongendawo, okwabizwa ngoSathana nofanekiswa nenamba (IsiTy. 12:7–9; 20:7, 8). Nangona kwizixhobo zoqhagamshelwano namanye amaKristu ekuphika ukubakho kukaSathana, inyaniso yona yeyokuba ongendawo usidalwa esinamandla esineenjongo zenkohlakalo kuphela ngathi. Kanti, iindaba ezilungileyo, (IsiTy. 20:9, 10). UPetros akayicuntsi ingozi emelwe ngongendawo. Ongendawo ufana nengonyama egqumayo efuna ukuqwenga bonke abo anako [ukubafumana nokubaqwenga] (1 Pet. 5:8). UPetros ukwabonisa ukuba abafundi bakhe banako ukuwabona amandla ongendawo ekuveni kwabo ubunzima kweli xesha. Kanti ke, oku kuva ubunzima kuza kuphelela eluzukweni olungunaphakade (1 Pet. 5:10).

Funda 1 Petros 5:10 kwakhona. Uthini apho uPetros kuthi?

Nangona singayazi ngqo indalo yezilingo zabo, into esinokuyibona lithemba athetha ngalo uPetros. Ewe, ongendawo ukho ngokwenene. Idabi liyinene, nokuva ubunzima kwethu kuyinene. Ntonje, “uThixo wobabalo lonke” umoyisile ongendawo. Ngoko ke, nokuba siva ubunzima obungakanani, ukuba sihlala sithembekile—kude kuse ekufeni (bona Heb. 11:13–16)—uloyiso luqinisekile, makubulelwe kuYesu.

Singakufunda njani ukubambelela elukholweni, sinyamezele kude kube sekupheleni, nokuba yintoni eza endleleni yethu?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Umzekelo omkhulu wobukhokeli besicaka bukaYesu bufunyanwa ekuziphatheni kwaKhe kwisiDlo sokuGqibela. Ngelo xesha, uYesu wayeziqonda ngokupheleleyo ukuba wayengubani (uNyana kaThixo) nokuba wayesondele ukuba abuyele kuYise (Yohane 13:1). Emva kwesidlo wahlamba iinyawo zabafundi. Akuba ezihlambile wathi, “Ukuba ndizihlambile iinyawo zenu mna, ndiyiNkosi, ndinguMfundisi, nani nifanele ukuhlambana iinyawo. Kuba ndininike umzekelo, ukuze nani nenze, njengoko ndenze ngako mna kuni” (Yohane 13:14, 15). Ixesha ngalinye abalandeli bakaYesu behlambana iinyawo, abaneli nje ukuphinda isenzo salo mboniso; bakhumbuzana omnye nomnye ukuba, ukuze abe yinkokheli ebukumkanini bukaYesu, ubani kufuneka ukuba abe sisicaka. Ngokuqinisekileyo, kubo bonke ubomi babo emva koko, ngakumbi emva kokuba beqonde kakuhle ukuba ungubani uYesu, abafundi basikhumbula esi senzo sokuzithoba ngakwicala leNkosi yabo. Ngaphandle kwentandabuzo, kwakhona, yayisengqondweni kaPetros xa wayebiza abadala bebandla ukuba bangabagonyameli abanye kodwa “bambathiswe ngokuzithoba.” “Ekuvumeni ukuba ngumntu, uKristu wabonakalisa ukuzithoba okumangalisa izidalwa zezulu. Isenzo sokuvuma ukuba ngumntu sasingayi kuba kukuthobeka ukuba kwakungengasizathu sokuba uKristu wayephezulu kwaphambi kobukho baKhe [emhlabeni]. Kufuneka sikuvule ukuqonda kwethu ukuze siqaphele ukuba uKristu wabeka bucala ingubo yaKhe yobukhosi, isitshaba sakhe sobukumkani, isikhundla saKhe esiphezulu, wambathisa ubuThixo baKhe ngobuntu, ukuze akwazi ukuhlangana nomntu apho wayekhona, aze azise kusapho loluntu amandla okuziphatha ukuze lube ngoonyana neentombi zikaThixo. “Ubulali nokuzithoba okwakubonakala ebomini bukaKristu kuya kubonakala kubomi nesimilo sabo “bahamba njengoko wahambayo”—Ellen G. White, *Sons and Daughters of God*, p. 81.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. UYesu wawuqala umsebenzi waKhe ngokuqubisana nongendawo. Enziwe buthakathaka kukuzila iintsuku ezima-40, wakwazi ukumelana nezihendo zongendawo ngokucaphula isiBhalo (Mat. 4:1–11; Marko 1:12, 13; Luka 4:1–13). Isixelela ntoni le nto ngendlela nathi, esinokumelana ngayo nongendawo kobethu ubomi?
2. Ithini imizekelo oyibonileyo yento eyabonakala ikukuzithoba kwenene kwabanye? Ungafunda ntoni kule mizekelo?
3. Eklasini, phendulani lo mbuzo: Ngaphandle koku kufundiswa nguPetros kwiivesi zale veki, zithini iimpawu ezilungileyo zenkokheli engumKristu? Ezo mpawu zingazigquma njani iimpawu ezilungileyo zeenkokheli zelizwe? Zingahluka njani?
4. Ungaliphendula njani ibango elithi uSathana akakho kodwa ngumfuziselo wobubi obufunyanwa kwimvelo yomntu?

